


# Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.



IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOL WESI-NE, APRIL 17, 1890.

[No. 283

**BAKER, BAKER & CO.**  
**EQONCE**

**BAMEMA** bonke abantsundu Belase Maxhoseni, na Pesheya kwe Nciba ukuba beze kubona impahla baho eninzi Isuti ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 11/6. Ibhulukwe ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 4/6. Iminqwazi efudumeleyo itshipu iqalela kwi 2/-.

Izihlangu, ne Shuzi, Ihempe, Izikafu, nengubo zonke ezifudumeleyo.

Kauze kubona, ukuze uzitengele ezobusika, bungekatwasi.

**BAKER, BAKER & CO.**  
**EQONCE**

**Beauchamp, Booth Co.**

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ezamadoda Ibhulukwe ze Stofu 5s 6d, 6s 9d, 7s 6d, 8s 11d. Ibhulukwe ze Kodi (EZILUNGILEYO KANYE) 7s 6d. Ibhathi Zamadoda—iqukunjelwe yonke, 5s 6d. Ibhathi Ezimnyama Zamadoda ze Tweed, 15s 6d. Isuti ezitambileyo zamadoda, 12s 6d, 14s, 18s 6d, 20s. Ibhulukwe ezingwevu zokutshata 16s 6d. Izihlangu zabafazi 5s. Izihlangu zamadoda zohlobo ezomeleleyo 7s 6d. Ihempe zokusebenza zamadoda, ziqala kwi 1s. Ihempe zesitashi zamadoda (ezinamabala), 2s 6d. Ezimhlope Ihempe zamadoda zesitashi, 3s 9d. Ikapisana ze Tweed zamadoda, 10 1/2d. Ezamadoda Izihlangu ze njiroba. 6s. Iminqwazi yamadoda ye Tweed, iqala kwi 1s 6d umnye. Eyofele iminqwazi yamadoda, 2s.

Ozi Keleko, Printi, zi Tafu zamanene-kazi, Mazilini, Izinxibo zokutshata ze-Satini, Izigubungelo zaba Tshakazi, nezinye izinto.

Abamnyama bayayitunyelwa impahla ngeposi xa balitumeleyo ixabiso layo.

Bayasikelwa Ingubo Abatandayo.

**BEAUCHAMP, BOOTH & CO.**

Isaziso sika Rulumente  
No. 123,1890.

Attorney-General's Office, Cape of Good Hope.  
3rd February, 1890.

KUYAZISWA ngokwe sishumayelo No. 30 sanamhla okokuba Amatyala e-Jaji ayaku hlala kwindawo ezilandelayo ngemihla ezakukankanywa emva koku, zi qala ngo 9 o'clock kusasa yonke imihla, eyile :—  
KWELASE MA XHOSENI.

E Tinara, ngolwesi-Bini, 4 March, 1890  
E Bhayi, ngolwesi-Ne, 6 March.  
E Qonce, ngo-Mvulo, 17 March.  
E Komani, ngolwesi-Hlanu, 21 March.  
E Dordrecht, ngolwesi-Tatu, 26 March.  
E Alvani, ngolwesi-Hlanu, 28 March.  
E Rakesdolopu, ngo-Mvulo, 31 March.  
E Monti (East London) ngolwesi-Tatu, 2 April.  
E Gcuwa, ngolwesi-Bini, 8 April.  
E Cala, ngo-Mgqibelo, 12 April.  
E Mtata, ngolwesi-Tatu, 16 April.  
E Kokstad, ngolwesi-Tatu, 23 April.  
E Bofolo, ngolwesi-Hlanu, 9 May.  
E Nyara, ngo-Mvulo, 12 May.

Kanamanzazo kuyaziswa ukuba xa sukuba i-Jaji ite yatinteleka ngesizatu ebesingazeki ukuqala amatyala kwezondawo zingentla ngalomihla imisiweyo, yoseiqala nangawupina umhla efike ngawo kulomzi okanye kwakamsinya ngangoko koyilungela.

THOMAS UPINGTON,  
Attorney-General.

Incindi Epitikeziweyo

**LINSEED NE**  
**HOREHOUND**

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA INGQELE, nazo zonke Izikuhlane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGBHOTILE.  
2/- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa  
GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,  
KING WILLIAMS TOWN.

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka MARCH.

UKWINDLA.

IMBALI ye Tswela Elikulu, Imigusho, i Beet, Turnip, nemifunwana yonke ingahlwayelwa. Zonke imbali ze Hypoxis, Ixia, Sparaxis, Freesia, nezinye intyantyambo zase Kapa ezingcambu inqhukuva. ne Pansy, Carnation, Stock, Dianthe, Godetia, Larkspur, nezinye intyantyambo ezilukuni, nezingafiyi.

—UBUSIKA NENTLAKOHLAZA—

IMIPOMPO ENENTYANTYAMBO.

ENJENGE

Narcissus, Snowdrop, Freesia  
Anemone, Sparaxis, Tulip, Iris,  
Ranunculus, Lachenalia,

**W. & C. GOWIE,**

GRAHAM'S TOWN.

**BONISANI.**

KULAHLEKE Encera ngase Dikeni  
INKABI EGWANCQA, AMANQINA  
AMHLOPE NGASEMVA, linomgca omhlope  
ote gca empumleni. Iminyaka  
mitandatu, lide. Olifumeneyo wovuzwa.  
atumele ku Mhleli we Mvo, okanye ku  
HERMANUS MYOLI,

**DYER-DYER**

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Bafikelwa ngamanani amakulu

Empahla Entsha Yobusika Obuzayo.

Kananjalo badwelise

**IMPAHLA YAMADODA,**

Ezamadoda Isuti ze Twidi ezinzinza 17 6

” Ibhathi ” ” ” 9/  
” loundulubhathi ” ” ” 3/3  
” Ibhulukwe ” ” ” 6/

Ibhathi ne Bhulukwe ze Kodi

(ZAMANANI ONKE.)

**INTLOBO EZINTSHA ZETYALI,**

Isuti Zetwidi emnyama zamadoda

(ZAMANANI ONKE.)

Iminqwazi, Izandla, Amaqhina, Iblankete, njalo-njalo.

**IMPAHLA EZINTSHA NEZIYI FISHINI**

**DYER NO DYER,**

KING WILLIAMS TOWN.

**KANGELA!**

**GILBERT FOX NO NYANA,**

Abatenga, Batengisele, Batumele Impahla,

SIFUNA ukukumbuzwa ama FAMA ABARWEBI NO MZI wonke ukuba asingabakoyi nje, koko intumekelelo yetu ukutengela, ukutengisa, nokutumela nalupina uhlobo lwe ziqhamo zomhlaba, esesinamatuba atile obulula tina kwezonto. Sikulungele ukwamkela umsebenzi WOKUTUMELA NOKUTENGISA zonke iziqhamo kwi marike zonke zase South Africa, ngenxa yokuba kwimizi yonke ebalulekileyo sine arente zetu. ABATENGISI bofumana ukuba kuluncedo kubo ukuzinikela kuti impahla zabo kuba sihlala sine odolo ezinkulu, esiti ke saqala sitengise ezompahla zinikelwa kuti.

ABATENGI bofumana ikwalilungelo kubo ukutumela i odolo zabo kuti, kuba abasindiswa kupela ingcapukisi yokuza e Marikeni, koko nokunyuka kwento ngenxa yokuhlutana ngayo kuya ncutshiswa, kuze ke kufunyanwe into e betele ngenani elingapantsi.

Amamani, etu ayabukeka, enokufunyanwa ngowacelayo.

**GILBERT FOX AND SON,**

KING WILLIAMS TOWN and EAST LONDON.

**W. McGLASHAN & CO.,**

(MAGALA),

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO,

**Zonke Intlobo Zabatsatayo Kwesi Siqingata,**

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa

w. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA IZIKUMBA, IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, njalo IZILIMO zitengwa ngamani ase Markeni.

# ITYALI! ITYALI!

## UKUBA ufuna ITYALI ezisitileyo, nezomeleleyo yiya kwa GIBBERD & BRYANT, Ngelixesha batengisa impahla emaxabiso alingeneyo apa edolopini.

Ityali ezinkulu ezimnyama nge 4/. inye. Izitofu zamanenekazi. Iprinti ezimanani apantsi zohlobo olutsha. Iiinzi, ezentlobo zonke.

Uhlobo olutsha lwe SETINI EZIMHLOPE, Neveyile Zomtshato’ Namagqabi, Neminqwazi, nako konke okunokufunelwa umtshato.

# GIBBERD & BRYANT,

IWU! ZIMKILE!

EMDIZENI, ku Lali ka Kalana, kubiwe IMAZI YEHASHE EGWANGQAKAZI, enekolo, epaulwe indlebe zombini pezulu. NENKONYANA EYINDUNA, EMFUSA, inekolo, inenyanga ezintlanu iziwe. Oluifumanisileyo wotumela kwi Ofisi ye *Mvo*. 31590 DYOLIS MYINGA.

## Iveki.

AMAKULA angene kwelase Afrika ngonyaka ogqitileyo, ngezibuko lase Durban Natal a 3,369.

UMHLELI wapepa lase Mtata, u Mr. J. J. H. Bunn, kutiwa uzibulele ngolwesi-Tatu lwegqitileyo (9 April) ngokuzihlaba nge bhanganeti esifubeni ade wafa. Isizekabani zingxakeko entweni ezingemali.

U REV. CANON WOODROOFFE, M.A. Umhloli-Zikolo obambele u Mr. J. H. Brady, i M.A., uwubambisa e Rini ngezintsuku um-sebenzi wake.

IMAMBANE emhlope engu Mr. Skirving ebizingela namanye amadoda amabini kwintili ze Ligwa, kutiwa bate besapumla pezu komlambo kwabonwa ngenyosi ihlala pezu komnye weloqela. Uyipekuzile, suka yabhubhuzela ngomsindo, ekute kwa oko kwapuma etyolweni ibubu lenyosi elonde. ngo Mr. Skirving lamluma. Uzincede ngokuti azilite esizibeni ngentloko sezipumle pezu kwake, wangena eludakeni yazi. Ku ncutlwe ilwamvila ezi 250 kuye. Ekubonakala ukuba usinde matip-tip sezimcinita.

KUHLOKONYISWE isaziso sokuba ulaulo lwase Swazini lusakuke luhanjiswe inyanga ezine kwanjengokuba lube luhanjiswa ukususeka kwixesha eliya elase Swazini laye lihanjelwe ngabatunywa be Transvaal, nabe Nkosazana.

KUKO Ikula e Natal elityumze ngezembe intloko yeshweshwe.

UM’BHALELI we *Nkanyiso* yase Natal ubalisa ngesidlabantu esipange umfazi umntwana, samnqumla intloko nemilenze samdla e Weenan County.

USTEMELE ongu *Mfolozi*, obevela e London esiya e Natal, wapuke xa eza e Cawa ngolwesi-Hlanu lwegqitileyo. Abantu baka bakutshwe nge bhotti. Umi ngoku elunxwemeni ngase Cawa apo.

KUXELWA ezomtshato wama Bhulu e Steynsburg — umyeni eminyaka ilishumi linesitandatu, umntwenyana elishumi linatatu.

NGASE Richmond kuxelwa ukufika kwe nkumbi ezininzi kunene. Kutwiwa azizanga zibonwe ezingako, zibeta kubemnyama apo zidla kona.

UKUBIWA kwamahashe kutiwa kukhulile e Transvaal.

SIVA ukuba icesine izingenele kakulu igusha e Mzimvubu, kwano manzabomvu uyanconywa kwelo.

U MR. L. WHITE wase Aybebye kufupi ne Rini, usand’ ukulahlekelwa ngamakulu amatatu egusha, ngokuwahlanza nge “ dip ” enetyefu ebisezazisweni emapepeni nesetyenziswa ngabaninzi.

UKUZE abantsundu base Natal basindiswe ekutshonisweni butywala ababutengiselwa ngama Kuli, kuko umteto opambi kwe Palamente yakona wokuba Amakuli anga. zuziswa tywala ngapandle kobokuselwa ngawo ngeziqu emakayeni awo.

I-PALAMENTE yase Natal ivulwe ngu Sir Charles Mitchell i Ruluneli yakona, ngolwesi-Ne, 10 April.

MANINZI amahashe aselebulewe sisifo e Transvaal. Kwifam enye kutiwa sekuke kwafa ishumi clinesixenxe ngeveki inye.

NGE-CAWA, April 13, yayiyimini yoku. khunjulwa kokufika kwama Satlane e 1820 e Rini. Intshumayelo yetyalike enkulu yama Wesile (Commemoration) yayingalo mcimbi.

KUNINZI.

kuninzi.” Nganina ukuba kwezombuso kuxhunywiswe imfundiso yolohlobo? Owetu umgudu leminyaka ibikukubonisa ukuba nakwezo m’buso makufunwe inyaniso nobulungisa. Sineminyaka siyiqwalasele imicimbi yom’buso kweli lizwe, kodwa u General NIXON akazanga wabhekisa nelineye ukubuzela omnyama kwinto ezinzima ebe zimhlininikisa. U Mr. MSKINYA kwinteto yake yesibini wenze amacapaza anika itemba nge General leyo; kodwa asingewamkeli, kuba ukuba anjengoko ngelete anekwa ezidlangalaleni ate wenza inteto kuzo u General NIXON. Ngekulungile ukuba imibuzo ka Mr. MSIKINYA noka Rev. Mr. VAN ROOYEN ibibhekiswe kwi General entlanganisweni engelilo igumgedle, ngokukodwa njengokuba kuko isiroro esinjengesalatwe ngu Mr. MRAISE, umfo oteta into zengqondo, sokuba “ngumfo oteta into “namhla avuke nelineye ngomso.” Nati sibe simazi enjalo Sibhala selugqitile unyulo. Sekukuncamatelisa izifundo ezikulu zalo oko kwenjenje kwetu. Sikhutaza umoya wokupendia inyaniso nokufela ubulungisa pakati kwamawetu entweni zom’buso “kunokuwomela” entweni yoninzi ngapandle kokukangela ukuba ilungile ayilungile kusinina. Kulomkondo ke mabandla akowetu !

## Impawana.

UMCIMBI wokufuduswa komzi wamawetu ase Monti ube ubuye wapambi kwemantyi yakona ngesiveki zigqitileyo. Namhla abamnyama bamelwa ngu Mr. Chas. Rose-Innes. Emva kwengxoxo etabate ixesha elide, ugweyiwe ontsondu obemangalelwe kwatiwa mafuduke; yaye lonto iteta ukuba bagwetywe bonke. Umzi ububenele kumatyala amakulu ase Kapa. Kuyanomeka oko kuba kunqweneleka ukuba side simiswe esona sihlahla semizi entsundu emele izixeko zabamhlope kolu fudu fuduso luman’ ukwenziwa. Siva ngati nabakwa Daliwe bakwasuswa ezindaweni zabo.

U MR. B. H. HOLLAND, Imantyi entsha yase Qonce ifike ngolwesi-Bini yasitabata isihlahlo ukuqala izolo. Siva ukuba yimantyi elungileyo nangakwabakowetu; okanye ubenjalo apo avela kona e Bhofolo. Bekaya kuba yinto efaneleke kunene ukuba ebeya kuti amawetu abe nosuku lokumbulisa nokumamkela kweli, evakalisa akuvileyo ngaye, ewisa amatemba okuba woba yilonto nalapa.

## Umanyano nge Mfundo.

Unobhala oncedisayo usitumele lengxelo yentlanganiso ebise Mgwali, 14 January, 1890, yonganyelwe ngu Mr. Wm. Kobe Ntsikama oyi President.

I. AMALUNGU ABEKO.

*Abapati:* Mr. Wm. K. Ntsikana, President; Mr. Thos. Bottoman, Vice-President ; Mr. Solomon Govo, Secretary; Mr. K. M. Ncapayi, Assistant Secretary ; Mr. P. Tyamzashe, Acting Treasurer. *Ikomiti:* Rev. W. Philip, Mr. Mbem Njikelana. *Amalungu.* Rev. W. Rubusana, Mr. S. Sonjica, nabanye. Kumanenekazi ibingu Miss Anne Figilan. Amalungu angeniswayo kutsha ngo Mr. S. T. Konongo wase Burnshill, Mr. John Ross Kota, Mr. C. P. Koti wase Centani, Mr. Shadrach Nyalashe, no Misses A. Nyalashe, Maria M. Soga, Amy Nangu, and Ebba Q. Ngaba base Mgwali, E. Gawe wase Peelton.

II. IZAZISO ZENGXOXO. — Amalungu avakalisa ingxoxo anga zingaxoxwa yile ntlanganiso.

III. IMIBEKO YEYAGQITITAYO.

(1) “ISIGIDIMI SAMAXOSA.”

U Rev. W. Philip wenzwe ingxelo yomsebenzi ababe wunikiwe, wakankanya nabantu awaselelafumene bokuxasa *Isigidimi Samaxosa*, kodwa kubonakala okokuba kufuneka 1200 abantu bokusixasa ngokutsho kuka Dr. Stewart ukuze sibuye sivuke, yena ke ubeselefumene abantu aba 25. O Mr. A. H. Maci, Gaba, P. Tyamzashe, Rubusana, Gosa no Tshwete bakalazele i Komiti ezistuke zingawufezi umsebenzi wazo. Bebesebevile ngo Dr. Stewart okokuba kufuneka abantu abali 1200 ukuze sipume. U Mr. Bottoman wabuzela Ikomiti. Waba uyapela apo lomcimbi.

(2) IRAFU YEZINJA.

U Mr. R. Gosa wenzwe ingxelo yake kulomcimbi kuba eyi convener yayo, ate ngokungadibani kwamadoda awaye wupatisele akukonto zenziwco. Ute yena wenza incito yemali watumela ucingo ku Sir Thomas Upington e Kapa nge Rafu Yezinja; wampendula ke wati, u Rulumente yena akananto nale rafu yeye Bunga (Divisional Council) ledolopu nemizana. Intlanganiso ifune ukuba olucingo lunalonteto luvele, ute u Mr. Gosa lwatshabalala kunye nendlu yake. U Rev. W. Philip uyikalazele lengxelo ate iyihla ngoku ngu Gqweta elibekelileyo lase Cumakala. U Rev. W. B. Rubusana utelele, wavelisa indawo yokuba u Mr. Gosa akutshwe ebukomitini kufakwe u Mr. Tshwete, waxaswa ngu Mr. H. Mbambisa. Mr. M. Njikelana ute u Mr. Gosa makangalutshwa ebu Komitini kodwa u Mr. Tshwete abesendaweni ka Mr. Sakuba. Kwavunyelwana.

(3) SCHOOL BOARD.—U Rev. W. B. Rubusana wenze ingxelo yake ngokuzelelo ngokwesicelo samalungu, uyifunde ngoluhlobo— Ikomiti yenw engalomcimbi yokuba iwukangele ivumelene ngolokuba mayiti lentlanganiso iyibekisa ku Mpatiswa Mfundo e Kapa, Sir Langham

Dale ukuva uluvo lwake nge School Board awalaneka pambi kwaba Cedululi-Masiko ne Miteto ya Bantsundu, alungenise kule Palamente ukuze Tube ngu Mfeto, nokuba acelwe ukuba ziti zonke izikolo ezipantsi kwake zingene panti kwalo mteto.

IV IKOMITI NGAMAGAMA.

Ikomiti yokuhlela umqulu wamagama, ize nengxelo evakalisa usizi lokubona incwadi izele ngamagama abantu abangamalungu olu Manyano angazifikeleliyo intlanganiso. Amalungu olu Manyano ngama 78, abuleweyo yi Komiti ngama 29, ngezizatu zokungabiko kweli lizwe, nezokuba namatyala entlanganisweni ngapezu komnyaka. (Rule V) nangokufa; Ikomiti iwuve kakubi nangosizi umpanga ka Rev. Jacob Boom ilungu elibekelileyo lalentlanganiso yayazele okokuba abhal’ inteto esikumBUzo ngaye.

INGXOXO.

U Rev. W. B. Rubusana, wayingenisa lengxoxo. Imfundo yeyona nto ingumnandi kunazo zonke izinto. Ukuba umntwana wako ufuna ukuba eme mnike imfundo. Kanjalo yena iyakuba sisisinga sokumenza angakatali lisiko lokwaluka. Ingati i School Board ike yako ibangele okokuba kungabiko mntwana ungapandle kwe sikolo. Imfundo ekuhambeni kwezexsha iyakwenza isizinzo. Igxalaba lomntu yimfundo nani mzi niyayinqhina xa nibona lamanqandende akoyo. Selete u Sir Langham Dale ngayo i School Board,—imantyi, umfundisi, nesibonda, mhlaambi nokuba ngomnye umntu ofanelekileyo bangaba ngalalungiseleli bayo.

Mr. Bruce Marwexu (Emgwali): Nikankanya u Sir L. Dale kuqala nize nikankanye’ umantyi, nize nikankanye abafundisi, niti umzi maungene uxoxe pina ? Rev. W. Rubusana wenze incazelo ecacisela umzi nge School Board.

Mr. Joseph Rubushe (Emgwali), ute kumhlana yena awuvuyo umoya wentlanganiso. Into le itetwa ngu Rev. W. B. Rubusana asikuko nokuba ilungile, pesheya kwe Neiba like elosiko le Boaad Abesiti wonke umntu abenanto yokwenza nesikolo. Okunene ulwaluko lungapeliswa yimfundo (hear hear) Kunzima apa kuba usapo lumane lutukana napakati kwentombi, imfundo ke ingazipilelisa zonke ezindawo.

Mr. H. Maqubela (Bolo), ute, lendawo itetwa ngumfundisi inkulu, ke lowo umntu ubona okwake, waye omnye ebona okwake, ewe siyayibona lendawo yokuba akuko lifa ligqite imfundo onokulinika umntwana walo (hear hear). Ungafanelane umhike inkomo ezingamawaka, kanti yonke lonto ingamagqabi ungamninkanga mfundo (hear hear). Abafundileyo abanakuhlekwa sidenge esinga fundanga. Yena abake abantwana uyabafundisa engaqutywa mntu kuba ixabiso lemfundo elazi. Abazali mabakululeke bafundise abantwana banganyanzelwa mntu, akwabi bebeya kuva izi bazinyanzele ngokwabo ekufundiseni (kwadunywa). Kumadoda ase Mgwali, kwalandela into zo Tesana. no Gxabana nabo bekutaza imfundo. Bexela amalungelo ayo. Yabuya yapuma ngo 7-30. p.m.

Usuku Lwesibini.

(2) GOOD SERVICE ALLOWANCE.

Mr. Tyamzashe wati, ingxoxo selisaziwa ngabo bonke, kuba yabonakala kwi *Moo kabini*. Uzaketeta ngemali ye bhaso lakwa Rulumente, atembayo okokuba amadoda azimvo zingapezu kwezake oiyityebisa lento. Elibhaso silifumana pezu kobuzima obukulu. Xanti i Mission Schools zimiswe mlangatweni mnye kanti ngobukulu azingalani — u Rulumente makacelwe ukuba izikolo zityotwe kule 5 per cent.

Rev. W. Philip ute, yena kudala apumayo esikuleni, unga’angake afundiswe ngale 5 per cent. Ukuba abantwana banga 30, kufuneka bebangapina amabapumelele kwi Standards eziphezulu ukuze kufunyanwe ibhaso ? [Mr. Tyamzashe, 3J]. Ukuqo wati akabeni ndawo xa umntu anako ukupumelelisa 3 kwi Standard IV, xa amashumi ematatu esikolweni.

Chief Mhala ute, asikuko nokuba ulusizi yilento imbi itetwa ngu Mr. Tyamzashe waye emqonda okokuba uviteta ngenene: lonto isimanga. Ingati ike yatetwa lonto angavela “Mabulu ati u Kafile ufuna ukufumana ibhaso ze. Yena unga lenteto, noko intliziyo vake (Mr. Tyamzashe) ibuhlungu, ingaroxiswa.— U Mr. Tyamzashe, uyiroxixile.

3 INGOMA ENGUMTYANGAMPO NGONYULO.

Mr. M. Njikelana, ungenise indawo yokuba kucelwe o Messrs J. K. Bokwe no I. Wauchope, baroxise eliculo lalenziwe ngabo ngo December 1888, liteta ngo Messrs Mhala, no Tele, no Rev. C. Pamla. Uxhaswe ngu Rev. W. Philip, kwatelela o Messrs Gosa, no Govo, abate seliwugqibile wonke umhlaba. Ate u Mr. Govo linjalo nje ingelilo iculo elingafane lipelisewe, kuba nabo baliqalayo, balenza ngobuhlungu bentliziwo zabo. Babafaneleke ukulibhala. Yena uyalitanda, ute waka wavumisa ngalo esikolweni sake. Akasamkeli isicelo se lungu lase Debe (Mr. M. Njikelana).— Mr. D. Dwashu ute abantu abalenzayo eliculo nxa babelenza babelenzala umzi wonke; lamkcelekake ngeloxesha labuleleka. Naye uti maliyexeke.

Mr. Mhala, ubulele kuba esiti wenzelwa ububele yintlanganiso, kuba yena ebengati nto ngalo eliculo ; kodwa ixesha liyeza ayakuti nokuba nguwpupina angabi salivuma. Intlanganiso yanjula o Messrs. Solomon Govo, Daniel Marela, M. Njikelana, ukuba benze isicelo ko Messrs. Bokwe no Wauchope sekuba eliculo hitshabalale.

NGOKUYIWA KWENTLANGANISO.

Rev. W. Philip ungenise icebo lokuba lentlanganiso mayimise ixesha ayakuti ngalo nxa amalungu engelzanga ezintlanganisweni ohlawywe.—Mr. Tyamzashe, ngale ngxoxo komhswa ixesha, i Rule V. yanele. Watelelwa ngu Mr. Gosa.

Iwuqalile umsebenzi ngo 11 o’clock, kukangelwe ingxelo ye Treasurer’s Report. U Mr. Tyamzashe wenze ingxelo yemali wati, Ndinovuyo ukuti ingxelo yam asiyiyo embi, nakuba ingeyiyo nencomekayo. Inxenye yamalungu izifezile imfanelo zayo, inxenye itembise ngamaxesha akufupi. Imali engeneyo £2 19s. Umzi wase Mgwali ubize £1

kupela, kengoko into eshiyekileyo yi £1 19s. Ubuye wafunda ingxelo ka Mr. J. K. Bokwe kwayemali. Akaneliswanga amalungu yile ngxelo ka Mr. Bokwe incito ye £3 3s. ngezaziso kwi *Mvo*.

VI. PRESIDENT’S ADDRESS. Umongameli ufunde ipepa ngo Didi Lwanguku, elabonakalayo kwi *Mvo*.

#### AMAWETU ASE TINARA NO-VOTO.

Besine ntlanganiso apa e Tinara ngobusuku bolwesi-Ne, April 4th, yokukangela indoda esiza kunyula yona tina Bantsundu kula afuna ukumela esi siqingata e Palamenteni.

Kunyulwe u Rev. S. Sihunu ukuba ngu Mhlali-Ngapambili, ote amadoda mabini emasinyle kuwo, ngu General Nixon no Mr. Reed, utsho wati kuba madoda mabini enye seysisemva, u Mr. Reed, kuba uninzi lwabamhlope olunengqondo luwomele ku General Nixon. Sekubonakala ke ukuba ???sesiya kuwomela kona kuba umzi ??? kona wonke.

Kutelele u Rev. D. Msikinya ngeliti asina kwenza into esecaleni kweyenziwa lumnizi esihleli nalo. Kodwa ke intla— nganiso ikululekile ukuxoxa ivelise izinto ezingabangela ukuba u General Nixon angaxaswa kwanezika Mr. Reed.

U Mr. Romo ute ngo nyulo olupambili yena wayemcasile u General Nixon kuba babefuna u Mr. Mackay, boyiswa ke ngobuninzi babafuna u General Nixon, wawala u Mr. Mackay. Nangelo xesha wayengena sizatu sakumcasisa u General Nixon ngapandle kwesokuba elilungu le Mbumba va Mabhulu alinga konke anako ukusitshabalalisa. Ke xa uluvo lwake lupumileyo kuleyo Mbumba uyoyiseka namhla.

U Mr. Saul Mraise ute: Siya kukohlwa kungena kuba Umgcini-Sihlalo selete umzi wonke sewuwoemele ku General Nixon. Mna elam nditi abo bawomeleyo baqondile, andali ukuti masingamvoteli, masiwomele, kodwa kamva siya kulula ngokuwomela kwetu. Umti wawiza ngeziqamo zawo. Lomfo u General Nixon akananceba kumntu ontsondu, ndimazi kakulu, ndaka ndayifama kuye andabi nakuhlala. Nase Palamente akuko nento evakala aka wayenzela abantu Abantsundu. Umgcini-Sihlalo makake andixcelele into ibhenye aka wayenzela uhlanga oluntsundu. Ukumazi kwam ngumfo oteta into namhlanje avuke nelineye ngomso. Nokuba sebewomela mna andikungena. No Mr. Reed ndiyamazi kakulu kwanjengo General Nixon. Ngumfo onomsindo kakulu, kodwa ogcina izwi lake. Ufanelana selesilwa kakulu uyiveze lilizwi eliyi nyaniso.

Kusuke u Mr. Uithalder wati yena usesitubeni, ukohlwiwe yeyona ndoda makaxase yona kula kuba uwazi kakulu omabini ukuba akanandlela. Oko ebesa reyisha u Mr. Reed umkokeli wake ube iyamba intambo e Bayi ade aye kufika e Rafu, enjalo nje ebeta kakulu. U General Nixon ngumfo ongaфика epete umpu ixesha lonke emsebenzini pakati kwezicaka zake, nokuba mayibe isayiwa ifama yake kungenxa ka Mr. Binns umkwe wake. Nezicaya zake zinkwamba ezikuxweba ezi ngati azizange zifake nto emlonjeni. Ndati ndakubuzwa ku sibali wam ukuba yintonima ukude usapo lunqine kangaka; wati umamkeliso walapa ngeveki zi Gibbs zombogo, 1/2 lb iswekile, 1/2 lb ikofu ndawonye nentsapo.

U Mr. Sakuba ute, tina lamadoda asiwazi, ke besindlele ukuba kubantu abawaziyo izizatu abati mawxhaswe ngazo, nawati makachaswe ngazo. Kusavakele inteto yecala elinye, le ingeniswa ngu Mr. Mraise yokuba u General Nixon seleke wanyulwa waya e Palamente, akazanga awuule umlomo wake kwicala elitetelela abantsundu. Make sikanyiselwe pambi kokuba sicelwe ivoti zetu, kuba indoda esiyi votelayo siyinika ubomi betu ukuba yenze intando yayo ngati. Le voti xa ndiyikageleleyo yeya belungu bodwa, tina sizakuqutywa ngokwegusha ukuyakuvota; kanti ke bona abefungu bayayazi into abayenzayo. Nati ke sifuna ukuvota sibona ngokukodwa asiwazi lamadoda, akako nokubako apo, kona besizakuke simane sixhokosha izimvo zawo.

U Rev. D. Msikinya ute, naye akananto ayazi ngokwake ngo General Nixon. Nase Palamente ngati ubevota necala lama Bhulu kwanelika Sir G. Sprigg. Yena ubecelele ukuba makabeko entlanganisweni ye Komiti bayake nabanye. U General Nixon wenze inteto ende apo ngololiwe ne volo, wagqibela ngomtyangampo wesikalo sokuti kutiwa ubatyiyele abantsundu, makavele nokuba ngubanina axele into awake wabenza yona. Ndamfaka imibuzo ngehlahla yabantsundu, ndalinganisela nge Glen Grey, wandanelisa ngokuti apo wayenegunya kona yena e Indiya umntu owusebenzileyo umhlaba wemba imijelo njalolo-njalo uselesuka umntu anikwe i Taitile. Ndambaiza ngentengiso votywala, wagunguza ke apo wenza inteto ende kunene wagqiba ngokuti lomcimbi usese zandleni zabapndli, woti wakuziswa e Palamente axase icebo elilungileyo. Wabuzwa ngu Rev. J. van Rooyen ngemfaneleko yomteto woku vota, wati ukupendula lomteto awufuni kutsihntshwa ulungile njengoko unjalo ngoku. Ukuqo wati umfundisi enye into isimilo sase kaya somntu masingadityaniswa nesase Palamente, utsho walinganisela ngento zika Bhokolo (Bowkers) ezimpato intle kunene ezicakeni kodwa e Palamente zintshaba zokugqibela. Enye into u General Nixon ebelilungu le Bond nje ubenguntamiani osebenzela u Rulumente yiyo lento alahlwiweyo ngama Bhulu.

U Mr. Mraise ute, bobo butamnani kanye esingamfuni ngabo, ukuteta enye into ebantwini, eze ngasese abe yenye; nokubonakala ukuba nokuti oku upumile e Bondini sisibata. Uqondile ukuba esiyasibata sokuqala sisibonile ngoku uyekuxwita emsileni wenkomo ofana nale ngea sakele kuyo ??? ze sesi banjiwe singasibonanga ??? Ololiwe abo asibakatalele.

Emva kwenteto ezimfutshane zo Mr. Romo nabanye u Mr. Msikinya ungenise icebo lokuba masingazi bopeleli mntwini side sive inteto ka General Nixon ngokwake, usekelwe ngu Mr. B. Sakuba ote ngapandle kokuba lamadoda kutetwa ngawo eze kusivisa izimvo zawo maze kungavotwa. Kubhekiswe entlanganisweni, yazinywe yonke ukuba zekungavotwa zingaviwanga inteto nezimvo zalamadoda. Kwatunywa u Rev. S. Sihunu ukuba naazade aye kwaku Rev. J. van Rooyen ukuba elake icala litinina.



## AMAYEZA

ADUME KUNENE,  
KA

JESSE SHAW (U-Nogqala),

### E-BHOFOLO

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezizifo ezizwa zonke ngenxa yoku kaula uku nceda noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bebabiso lawo ngenxa yokucoceka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyela; ngenxa yokuba enziwe ngemifuno engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).  
Umiza ongezange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).  
Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izizi ezikatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).  
Umiza ongenzi xesha ukupilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).  
Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion).  
Oyena mpilisi wamchelo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).  
Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, lecsine nento ezinjalo.

UHLIKHILA (Embrocation).  
Amafuta omi okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxizaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).  
Amafuta omi okupilisa ukutsha, ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb).  
Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana. nesabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).  
Umiza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic).  
Iyeza elilunge kunene kwizifo zokuba butataka, nokungatandi nto itywayo.

UBUGQI (Magic Healer).  
Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emollientine).  
Into elunge kunene etanjiswayo ebona bubuhle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).  
Lisetyenziswa neli kutiwa "Lelona" xa isifo sokunamba igazi sendele.  
Izalatio zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe ngokuzalisekileyo zafuwa nca kwi bhotilana nezi tohilana ngazinye, eziti zakulandelayo ngokufezeka kileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esi rweqe sokulumkela okungekefili.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemiza, e Bhofofo, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwinkoliso yedolopu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—  
E Qonce—Dyer & Dyer Malcomess & Co.  
Drummond & Co.

E Ngamakwa—Mrs. Savage

E Moni—G. Lennox & Co.

E Rini—E. Wells.

EDikeni—R. Stocks.

E Komani—Mager & Marsh.

E Bhayi—J. G. Lennox & Co.

Engqishe—W. A. Young, E-q.

Ikaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

## ABAZELWEYO.

D LAKIYA—Kwa Jonono, Natal, Inkosikazi ka Rev. J. Stegmann Dlakia ibeleke INTOMBI nge Cawa, 23 March, 1890.

—317490

X ALA.—E Nyanyadu, Natal, Inkosikazi ka Rev. Richard Xala ibeleke INTOMBI nge Cawa, 23 March, 1890.—317190

## FOR Etembeni School.

A NATIVE TEACHER wanted at once for the Mission School of Etembeni, near Tamara. Only those with good certificates may apply to Rev. E. MINKNER, Etembeni, near King Williams Town.

## Kubakandi be Bhokile.

K UFUNWA "Abakandi be Bhokile" Abantsundu nokuba bane nokuba bahlanu, abasebenza nge stokwe. Baya kufumana imivuzo efanelekileyo, nomsebenzi ongapeliyo. Umntu makeze ngokwake, mhlambi abhalele kwi Office ye Mvo.

## IMIBIKO.

MAKIWANE.—E Xalanga, ngo Mgqibelo kusasa, 22 March, 1890, kubhubhe unyana opakati ka Timothy no Catherine Makiwane, u TIMM MARTIN. Ubudala ube-neminyaka 9, enenyanga 4, nentsuku 19., Abazali balubikela izihlobo usizi lwabo.—317490

NJIKOSE.—E Bhayi, ngolwesi-Tatu emva kwe dina, 9th April, 1890 kubhubhe indoda endala u BOOY NJIKOSE. Usapo lwake lubikela izihlobo zake ngosizi lwabo.

NJINGE.—E Nyara, ngo 28th March, 1890, kubhubhe u DAVID GXAMTHWANA NJINGE, obengondala wase Tshatshi. Ekuzeni kupuma kompefumlo ubize inewadi ye Mibedesho yake walala pezu kwayo, wapuma umpefumlo. Izihlobo ute maze zingamileli umoyisile u Satana. JACOB R. WEBB.

NTLATI.—E Culunca ku Qumbu, kubhubhe u JONAS NTLATI ngo 1st April, 1890. "Banoyolo abafela e Nkosini." Izihlobo mazamkele lowo mbiko. N. JONAS NTLATI.

FIGILAN.—Ngowe 5th April, e Cala kubhubhe u MRS. FIGIDAN omkulu Ugule intsuku zantandatu, wasishiya ngolwesixenxe. Ikwa yile fiva. Izihlobo mazamkele lowo mbiko. TIMOTHY MAKABA.

# J.W. GARRETT & CO

E (CACADU) LADY FRERE,

B ANOVUYOKAZI olukulu ukushumayela okokuba lamzi mdala wazekayo ka J. A. BARAGWANATH, bautabatile, bazimisele ke ukuwenza ube yinto ngemihla engapambili obuyiyo ebantwini ngemihla edluleyo.

Siyatamba ke ukuba abatengi abadala basaya kusixhasa, basinceda emizameni yetu ukuwenza lomzi obe nguwo kanye, angati umntu afumane yonke into ayifunayo ngama XABISO anjengawa se Komani, napi napi.

Umxholo wetu woba ku "Bekizito." Impahla iyi FIRST-CLASS amanani asezantsi.

Njengokuba le venkile yetu ikakulu iyeyabantsundu, sizimisele ngokukodwa, ukuba ama KRISTU, naba BOMVU zebeze kuti beqinisekile ukwaneliswa.

IMPAHLA YETU ININZI, INTSHA ingubo zefishini zokugqibela, kwezelo kwe zitofu, Iprinti, ingubo ezinde, Izambuili, ezingapantsi, amaqhosha, Izandla, Ikaliko, Iminqwazi, Ijersey, alstars, Iflaneli, masesititi into yonke. Kwane kofu, swekile, sepa, tweya, njalo-njalo, Iziblangu, Isali, Iblankete, Isuti zamadoda, Ibbaty, Ibhulukwe, Ihempe, Idyansi, Iminqwazi, Ikausi nezinye.

NGOKUBALULEKILEYO—Ngemishato yabantsundu sizilungiselele ukuzamkela i odolo ze lokwe zokutshata. Izigqubutelo, i ntyantambo sikufungela ukumlingana, uhlobo, nobutshipu.

Konikwa awona manani apakamileyo OBOYA, UKUDLA, ne MFELE, njalo njalo.

## J. W. GARRETT & CO., LADY FRERE.

## BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

E-GRAHAMS TOWN.

Saneke lityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye.

Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2 ½ d. yd.

Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4 ¾ d. yd.

Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4 3/4d., ne 6d. yd.

Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 1/- inye.

Iblanket zoboya ziqala 5/- inye.

Amabhayi 2/- linye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

## YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvela e-England.

## INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.

IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.

IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.

IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.

ISUTI Emhlayo umfana ifishini entsha, 21s.

IHEMPE, 1s. inye.

Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi Mvo maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (£1), myakubuye ayinikwe isheleni ngeponti nganye.

## JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWN.

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

## BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

OCELA AMEHLLO.

ISAZISO.

N DICELA AMEHLLO kubo bonke aba. Ntu ukuba bandidceda ngamahashe amabini alahlekileyo. Elinye LIMFUSA, amanqina angasemva amhlope, linamabala amhlope emakwepeni, linomtsho omhlope oze kuma empumleni, liminyaka mitandatu lingene kowesixenxe, YINKABI. Elinye YINGWEVU EMDAKA, intloko imnyama, iminyaka mitatu, alikatenwa. Ondilandisayo umkondo wotumela ku Mfundisi wase Main (Qwebqwebwe), wovuzwa ngokufanelekileyo.

BOYI SKAPA.

April 4th, 1890.

N DIYA wasisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ngama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kukho nesitali samahashe esine groom epapame i kunene.

ROBERT XHOLLA,

Kowie Street.

Graham's Town,  
28th June, 1889.

## BONISANI!

K ULAHLEKE e Zeleni ngobusuku bolwesi-Bini, 25 February, amahashe amabini. IMPEMVU EBOMVU, entle; NENKUNZI EBOMVU, amanqina angemva amhlope. Olandisayo wovuzwa xa atumela ku Mr. D. Dwashu, Ezeleeni, naku Rev. P. Kawa, The Kabousie Mission, Stutterheim.—724490

K ULAHLEKE amahashe amabini apa. INKATYANA ELUBELU, isingci netshoba zimnyama, liminyaka mine ubudala. NETOKAZI ELIFOSI, limalunga neminyaka emine nbudala. Ondilandisileyo wovuzwa kamandi. Makabhalele kum. Alahleke nge 22nd ku March, 1890. HARRY M. MTOMBENI.  
Hackney, April 2nd, 1890.

## BONISANI!!

## BANTSUNDU!

Bantsundu! Bantsundu

N ALI iculo lika "Folokoco" lingelilo Elamaqaba Umqolo we Namba, kodwa elika Folokoco yedwa. Lilo eli :—

Kuko Venkile apa e King, Kekalok' impahla yayo Ikup' ezezinye everything, Kumbulani Ivenkile leyo.

Umniniyo utiywe ngamakosikazi, Ngapandle komteketo, Ngu Folokoco,—Manenekazi Yizani ninqwenise iliso.

Ityal' ezetu zaba Tshakazi, Ngokwenyani zihleli zodwa,— Amanene, namanenekazi S'true, intengo yetu iyodwa. Ibhayti, ihempe, neminqwazi, Nebhulukwe ezisikiweyo,—Zonk' impahla zamaledikazi Ngenene zezifanelekileyo.

Siti kwaba batenga kade Ninga dinwa zihlobo zetu Kude kube ngu napakade Nitenga kweya kowetu.

Ningayilibali indawo ekuyo Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe

Scott Church, King

Williamstown.

UNYAMEKO KWA BAMNYAMA

U KUTETELA Amatyala, Imicimbi Yemihlaba, Ukubhala Iminqopiso Iwenziwa ngo HOWARD & WEBB, Emva kwe Zitola zo BAKER, BAKER & CO. E-QONCE-

## AKUKO RAFU

YE

## ZINDLU.

IRAFU ibulewe. Into yonke siya kuyitoba kwa BANTSUNDU. Sine mpahla eninzi esisayivulayo.

## ABAZAKUTSHATA

singabenzela i LOKWE ne MINQWAZI bakufuna ukuba benzelwe.

Kulomsebenzi ungentla sina maledi amabini ngokukodwa okuwenza.

Ezamadoda i Suti, njalo, njalo, zinokusikwa aku zi ODOLA.

Zonke beta zipantsi' ngokubalulekileyo.

## SIYIBULELE I RAFU!

## W. O. CARTER & CO.

Kingwilliamstown.

KWI VENKILE

## YO KATA,

## W. LORD & CO.

ABATENGISI

BEMPAHLA—YENTSIMBI

BEMPAHLA—OZIKOMITYI

BERULUWA

BEMIPU


BEMBUMBULU, zentlobo zonke njalo njalo

E MARKET SQUARE,  
KING WILLIAMS TOWN.

ISEBENZA NGOBUGQI

## I-RHEUMATICURO

IYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.



Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo, Isinqe, ingaqaqambo Zentloko.

Lingqinwe ngamawaka.

Umenzi walo kupela ngu

J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.

ELIKA

## ORSMOND IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yelizwe.

## UMPILISI WEZILWELWE

Fzibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini, Ubutatata, Intswela butongo, Ubutatata bengqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide selenamava amaninzi umnino, uliyaleza ngengqiniseko eliyenza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona nesi sifo sabantu abamnyama liyi ngqobo, Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zishelani zontatu, izele liyeza elinga tata intsuku ezilishumi. Ibhotele nganye ihamba nencwadi ene nteto yesi Xhosa. "

Lilungiselelwa umnino kupela ngu

G. E. COOK,

KING WILLIAM'S TOWN,

Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayela kuyo yonke Ikoloni.

## Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.

Elika

Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile. Aka

Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

Elika

Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile. Ezika

Ipis

1/ ngebokisana.

Incindi Yezinyo.

6d. ngebotile.

Umiza Westepu Sabantwana.

6d ngebotile.

Oka

Umgutyana Wamehlo.

6d ngesiqunyana.

Oka

Umiza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake

## Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligcinile apa e-Komani, Amagumbi, nezitate, nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kwe Manke.

R. T. NUKUNA & CO., Calderwood Street, Queenstown.

Printed for the Proprietor, J. TENGO-JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown.